*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

ITheko lokuPhunga likaTlotlego
*(Tlotlego's Tea Party)*
Illustrated by Nicolene Louw
Written by Laura de Lange
Designed by Ashlyn Atkinson
Edited by Nabeela Kalla
Translated by Sebolelo Mokapela
with the help of the Book Dash participants in the Virtual Book Dash on 15 May 2021.

ISBN: 978-1-77623-190-4

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# ITheko lokuPhunga likaTlotlego

Nicolene Louw    Laura de Lange    Ashlyn Atkinson



**UTlotlego unetheko lokuphunga losapho LONKE.**

"Makhulu, bangaphi abantu abezayo ukuzokuphunga?"

"Nguwe, ndim, nguMama noTata. Kunye nodadewenu omncinci, uTshiamo."



UTlotlego ubala iikomityi zeti njengoko ezithatha ekhitshini.

“Inye, zimbini, zintathu, zine, kunye nenye kaMakhulu!”








UTlotlego uya esituphini aze abeke iikomityi etafileni.

“Inye, zimbini, zintathu, zine, kunye...?”

“Ndibona iikomityi ezine kuphela,” utsho uMakhulu,

“kodwa thina singabantu abahlanu.”

“Ngoku bendisekhitshini ngaphambili, iikomityi bezintlanu!” uyakhuza uTlotlego.




UTlotlego ubala iipleyiti ezincinci ezintle njengoko ezikhupha ekhabhathini.

**“Inye, zimbini, zintathu, zine, zintlanu!**

Umntu ngamnye unepleyiti yakhe.”

UTlotlego uya esituphini aze
abeke iipleyiti ecaleni kweekomityi.

“Inye, zimbini, zintathu, zine, kunye...?”

“Ndibona iipleyiti ezine kuphela,”
utsho uMakhulu,

“kodwa thina singabantu abahlanu.”






UTlotlego ubala iibhiskiti njengoko ezikhupha eskhaftineni.

“Inye, zimbini, zintathu, zine, kunye neyesihlanu!”



UTlotlego uya esituphini aze abeke iibhiskiti ezipleyitini.

"Inye, zimbini, zintathu,zine, kunye...?"

"Ndibona iibhiskiti ezine kuphela," utsho uMakhulu,

"kodwa thina singabantu abahlanu."





**UTlotlego udideke kakhulu.**
**Uyazi ukuba ubebala kakuhle.**

Kuqala, ebeneebhiskiti ezintlanu,
kodwa ngoku kukho ezine kuphela.

Ziphunguke **NJANI** ezi bhiskiti?




UTlotlego ubala amagaqa eswekile
njengoko ewakhupha kwisitya seswekile.

“Linye, mabini, mathathu, mane, kunye nelesihlanu!”







**UTlotlego uya esituphini aze abeke amagaqa eswekile etafileni.**

Kwesi sihlandlo, uqinisekile ukuba uva ukugigitheka.

“Linye, mabini, mathathu, mane, kunye...?”

**“Mahlanu!” kuvakala ilizwi phantsi kwetafile.**




**UTlotlego uyagoba akhangele phantsi kwetafile. Othukile, ubona iseti yeti epheleleyo phantsi kwetafile!**

Nazi zonke ezi komityi, ipleyiti, ibhiskiti, neqhekeza leswekile ebezilahlekile.

Xa uMama noTata befika ekhaya bevela emsebenzini, bonke baphungela esituphini.

Omnye, ababini, abathathu baphungela etafileni, baze

ababini baphungele ngaphantsi kwayo!



